WOH 323

UMTSHATO _ ICEBO LIKATHIXO

EZOBOMI : UKULUNGISELELA UKUTSHATA KWABANTWANA BAKHO

EZOMPHEFUMLO : ICEBO LIKATHIXO NGOMTSHATO

UMBONGO : UMTSHATO UNABANTU ABATHATHU

ISIHLOKO ESIYINTLOKO : UNXULUMANO / USAPHO

ISIHLOKWANA : UMTSHATO

ISIQULATHO SEZOBOMI : LUNGISELELA IXESHA WENA NABANTWANA NISOHLUKANA KUBA BEZA KUQALA USAPHO.

ISIQULATHO SEZOMPHEFUMLO : UMFANEKISO KATHIXO WOMTSHATO , INDODA ENYE NENKOSIKAZI ENYE

ISALATHISO : GENESIS 2 : 24

INGONGOMA SIFUNDO : ICEBO LIKATHIXO NGOMTSHATO , INDODA ENYE NENKOSIKAZI ENYE ABATHI BASHIYE IINTSAPHO ZABO UKUZE BAMANYANE.

(UMCULO WOMXHOLO WE WOH)

NOMTHANDAZO : Molo mphulaphuli , wamkelekile kwinkqubo iAmanenekazi eThemba . Ndiyavuya ukuba nawe kwakhona.

NOBUNTU : Molo ndinguNobuntu , namhlanje enkqubeni siza kuncokola ngomtshato . Uziva njani xa ndikhankanya igama elithi umtshato? Wena Nomthandazo uziva njani ?

NOMTHANDAZO : Xa ndicinga ngomtshato ndiba buphakuzela …ndibe nobunjovane futhi , ndivuseleleke. Ndikhumbula ndothukile kuba ndiza kutshata – kodwa yayilixesha lokonwaba!

NOBUNTU : Ndiyakufumana … amalungiselelo zizinto ezenziwayo xa utshata , akunjalo ? Xa sikhula singabantwana sifunda ngomtshato ngokubukela umama notata apha ekhaya indlela abaphathana ngayo , anditsho?

NOMTHANDAZO : Nangoku ! Umama wayedla ngokumlindela utata abuye emsebenzini . Wayepheka isidlo sangokuhlwa sibe mnandi kakhulu . Wayesithi akunconywa ngutata ngokupheka ukutya okumuncisa iintupha kangaka , umbone umama uba wonwabe nyhani ,kuhle nje, noncumo alupheli kubo bobabini , bayathandana abantu . Sonke siyawakhumbula loo mathuba oyolo . Kum nomama , ukulungiselela umtshato yayikukufunda ukupheka oko kutya kuluncuthu.

NOBUNTU : Intle loo nto …Utata wayethanda ikhaya elicocekileyo kangangokuba umama wayechitha ixesha elininzi elicoca… wasifundisa nathi ukuba siqhele ukuziqoqosha , sibeke nezinto ngeendawo zazo lonke ixesha.

NOMTHANDAZO : Bekuba kho amaxesha abazali bam bangavumelani ngokuthile , nje ngendlela yokusebenzisa imali , xa bephikisana , bendidla ngokoyika , ndingcangcazele.

NOBUNTU : Into etheth'uba umtshato lo awulula – anditsho ? Noba abantu ababini ..lo yindoda , omnye libhinqa , bavela kwiindawo namakhaya ahlukileyo …benemibono eyohlukeneyo nangalo mtshato wabo nokuba balindele ntoni kuwo. Baza kuphila njani eluxolweni kunye ubomi babo bonke?

NOMTHANDAZO : Hey Buntu , asifuni kubalekisa abantu bawoyike umtshato !Kodwa ke sincokola ngezinto ezibalulekileyo kuwo ! Ndicinga ukuba sibe neengxoxo eziliqela ngalo mba womtshato , ubona njani wena ?

NOBUNTU : Ewe ndiyakungqinela Thandi. Hlala nathi mhlobo umamele **incoko yethu yokuqala** ngale ndima yomtshato. Nanku uWeziwe, namhlanje ezokuncokola nathi ngendlela yokulungiselela umtshato, yena ungumKrestu ongumcebisi.

UMCULO/INGOMA

NOBUNTU : Wamkelekile …… nenekazi

WEZIWE : Enkosi Nobuntu. Molo Mhlobo. Kazi ucinga ntoni ngalo mzuzu ngomtshato? Yinyewe enzima kuwe na? Ngaba unomtwana okushiyayo kuba etshata? Ndichulumance kakhulu ukuba lapha ndizohlephula kulo mcimbi obuthathaka ….. Umtshato

NOBUNTU : Hee, lo mbuzo wam ungavakala ngathi awudingeki, kodwa ke yintoni umtshato?

WEZIWE : Umtshato kukudibana kwendoda enye nebhinqa elinye bevela kumakhaya ahlukileyo elinye kwelinye, ukuze baqale olwabo usapho. Elowo kubo uza kuba nendlela yakhe aqonda ngayo izinto abazilindeleyo okanye abazifunanyo emtshatweni wabo.

Ngamnye kubo ungena emtshatweni enezinto zakhe ezimonwabisileyo okanye ezimdakumbisileyo, ezintle, nezimbi ezivela kumakhaya abakhulele kuwo. Ke ngoko baza nezabo iingcamango okanye imibono nje ngale :

- Indlela yokuphelisa ingxabano
- Indlela yokulawula imali
- Babe nabantwana na?
- Nokuba kuthetha ntoni na ukuthanda omnye

Ngoku ke – uyabona ukuba kutheni na umtshato ulunxulumano olunzima?

Abacebisi abaninzi abalungileyo, nje ngomakhulu notatomkhulu, abazali nabacebisi nje, banokusinceda sihlangabezane neemeko ezisemqoka emtshatweni- nje ngoku:

- Ukuhlela nokulungiselela nokulawula imali
- Indlela yokukhulisa abantwana
- Nendlela yokubonakalisa imivakalelo yenu, nokuvakalisa izimvo zenu omnye komnye.

Nokuba kunjalo, sidinga isinamthelisi esiza kubamba ndawonye konke …. Esinokuncedisa abatshati bajongane neengxaki, ukukhathazeka okanye ukudana omnye ngomnye, nakunxulumano emtshatweni. Esi sinamthelisi sikukuqondisisa ukuba iLizwi likaThixo, iBhayibhile ithini na ngomtshato.

iBhayibhile isifundisa ukuba umtshato, lunxulumano phakathi kwendoda nomfazi ekumele lungcinakale umphelo. Zithi iZibhalo eziNgcwele " **Ngenxa yoko umntu uyakushiya uyise nonina, anamathele emfazini wakhe "** (Marko 10: 7)

Ukuba ulungiselela umtshato womnye wabantwana bakho- Umbuzo wam wokuqala kuwe ngulo:

Ngaba unyana okanye intombi yakho ikulungele na ukuzibophelela komnye ubomi bakhe bonke? Ngaba bazimisele na iziqu, emphefumlweni. ngokuchukumiseka, na ngezimali, …… nasengqondweni? Wena, nje ngomama okanye utata, ulungile na?

Uyafuna nokuzibuza - ulungele ntoni?

Namhlanje ndifuna ukugxila kwinto enye ebalulekileyo enxulumene nokulungiselela umtshato. Unyana okanye intombi yakho ikulungele na ukukushiya - ukuze ke ngoku bakwazi ukuqhubeka nokuzibophelela emtshatweni ubomi babo obu. Wena ke uzivumele na ukumkhulula ayokuqala olwakhe usapho?

Okokuqala – kuthetha ntoni emntwaneni wakho ukuzilungiselela ukunishiya- bazali bakhe ?

Hee- Ukunishiya akutsho ukuba bazokuyeka ukunikhathalela. Loo nto ayitsho ukuba ngoku mabahlalele kude nani. Abanye abantwana bangakude nabazali ngokuhlala kodwa bangabi kude engqondweni nasempathweni yokuchukumiseka. Basengaxhomekeka kubo.

Ukuthi abantwana ma bakwazi ukunishiya nina bazali babo - kuthetha nokuba unxulumano lwenu nabo kufuneka lutshintshe. Ukususela apha, nokuba nonxulumano olulungele abadala abakhulileyo abazi kuba phantsi kwengqeqesho okanye ulawulo lwenu. Ngoku bona kufuneka bazixakekise ngemibono yamaqabane abo, izimvo nezimbo zabo kunezenu! Ngoku unxulumano lwendoda nenkosikazi kufuneka lubekwe phambili ngokubalulekileyo.

Enye into kufuneka bangaxhomekeki kakhulu ebubeleni benu, uncedo, imvume, okanye iingcebiso zenu ezinobulumko. Umntwana wenu makasoloko engunyana okanye intombi elungileyo. Kodwa ngoku into ebalulekileyo kukuba ngumfazi nendoda elungileyo. Khuthaza unyana wakho azenzele izigqibo, alondoloze inkosikazi yakhe (Hayi wena) kuqala. Khuthaza intombi yakho ukuba ixhomekeke kumyeni wayo, (hayi wena) xa ifuna uncedo, ubuqabane, ububele noluleko. Bakhuthaze ukuba bancokole, bakhane.

Abantwana bakho mabangathwali ubunzima bonxulumano nawe baze nabo kumaqabane abo. Akufuneki bazibone beqamangelekile ngokomoya kwikhaya lokuzalwa . Mabangazami ukuguqula

amaqabane ngenxa yokuba bengathandi okuthile ngawo. Bafundise ukuthanda, bamkelane ngobunjalo babo.

Okwesibini : Kuthetha ntoni kuwe nje ngomzali ukuhamba konyana okanye intombi yakho?

Injongo yakho, mzali, kukuzimisela ukufundisa abantwana bakho ukuba bakwazi ukukushiya bangahlali nawe. Nina nje ngomama notata, fundisani abantwana benu ngoku indlela yokuphathana, ukunxulumana nokujongana bacombulule ingxaki kunye…

Mama… fundisa unyana wakho ubunene, nokuchubeka xa ethetha nenkosikazi yakhe. Fundisa intombi yakho ukukhonza nokuhlonipha umyeni wayo.

Tata… fundisa unyana wakho ukuthanda, ukukhusela nokulondoloza umkakhe.

Indlela eyiyo yokubafundisa ukuba yindoda nomfazi olungileyo kukuba ngumzekelo abawubonayo… xa nina bazali niziphethe kakhuhle ninothando, nihloniphene. Bancediseni ukuba babone izinto ezintle omnye komnye. **Ungaze , uthathe icala**, ngokuchasa iqabane lomntwana wakho.

Xa abantwana bakho betshata, **sukubalawula**. Mhlawumbi apho ukhoyo mphulaphuli ufuna ukundi memeza ngokuthi " Wethu, akwenziwa njalo kwezethu iintsapho . Kwezethu xa betshata abantwana , nathi, singamalungu eentsapho zabo sifana nabatshateneyo " Kum, kulungile nje konke… kodwa ayizonjongo zikaThixo ezo!

Ungathi mhlawumbi- " Ukuba intombi yomntu itshata unyana wam, igqibile ukuba ngomnye wethu – ngako oko makaphile ngokomthetho nemimiselo yethu." Hayi ke mhlobo, ayiyompilo leyo. Unyana wakho uyintloko yosapho lwakhe. Ungumntu omdala, ukhulile, unosapho lwakhe. Msikelele nonkosikazi, ubanqwenelele okuhle kubomi babo obutsha ababuqalayo. Banike ixesha, babethwe ngumoya, ungekho, ukuze baqondane, bathandane, bahloniphane.

Nje ngokuba bekhulile abantwana bakho, lixesha lokuba ngoku babe ngabahlobo bakho. Yiba nezinto ozithanda ngohlobo olunye nabo. Umama nentombi bangathanda ukupheka kunye, utata nonyana banokucacela ukulungisa ifenitshala kunye, ungafunda, ubolekise ebantwaneni iincwandi ezinika umdla,ze nixoxe ngazo kamva.

Khumbula, ulonwabo lwabo, lolwakho nawe!

NOTHANDAZO: woaw!!!! Ulonwabo lwabo, lolwethu nathi ! iyancomeka le ngcingane mphulaphuli, Enkosi Weziwe. Kubalulekile ukwazi ukuba **kufuneka sibakhulule abantwana bethu, nabo ngokunjalo mabangabambeleli kuthi ukuze bakwazi ukuzimela.**

NOBUNTU: ndiyakungqinela, yindawo ebalulekileyo le xa ulungiselela umendo.

NOMTHANDAZO: Ndicinga ukuba kungancenda kakhulu ukuva ukuba iLizwi likaThixo lithini ngomtshato.

NOBUNTU: Kunjalo kanye… Kukho ozakuthetha ngomtshato wokuqala eBhayibhileni … emva kwale ngoma. Hlala nathi uve ukuba uThixo uwubona njani umtshato.

INGOMA

NOBUNTU: Sibuyile enkqubeni mphulalphuli, ngoku siza kubaliselwa ngendlela uThixo awawuyila ngawo umtshato.

UNDWENDWE : Sixelelwa eBhayibhileni ukuba uThixo wadala indoda yokuqala nenkosikazi yokuqala, bobabini njeNgaye, ngezinye iindlela, nokuba babe ngamaqabane.

iBhayibhile iqhubeka ithi (Genesis 1:24) **" Wathi uThixo, umhlaba mawuphume imiphefumlo ephilileyo ngohlobo lwayo, izinto ezizitho zine, nezinambuzane, nezinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo"**

Sifunda ukuba **amadoda nabafazi bahluke kwinto yonke eyenye edalwe nguThixo,** bahlukile kwezinye izilwanyana. uThixo wadala indoda … nomfazi…. Ngomfuziselo wakhe ! uyivile le nto? Wena nam senziwe nje ngenkangeleko kaThixo! Sidalelwe ukuba sibe ngabantwana bakhe kwaye ungutata wethu onothando. Ufuna ukuba sibe nobudlelane naye. Kanye nje ngokuba nawe ufuna abantwana bakho bakuthande, bakuhloniphe, bakuthobele. uBawo wethu wasemazulwini ufuna simthande, simhloniphe ze simthobele! Ukufanele oku nangaphezu kwethu!

Indoda yokuqala uAdam waqaphela ukuba yena noEfa bafanel'ukuba kunye. Oku kufaneleka kusisiseko somtshato…. Omnye ufanele ukuba abe ngowomnye. Bomama nani botata …. Thandazelani abantwana benu, ukuba baze bafumane amaqabane afanelekileyo. Xa sukuba uthandaza, ulila kuThixo, uyasimamela isicelo sakho. Ngoba? Kuba licebo lakhe umtshato, phakathi kwabantu.

iBhayibhile ithi uThixo wenza uEfa abe ngumncedi ofanelekileyo kuAdam. Mhlobo wam, ungumncedi ofanelikileyo kumyeni wakho? Umyeni wakho uyakudinga. Akagqibelelanga ngaphandle kwakho. Indoda yakho idinga uncedo lwakho olulodwa, lonke ixesha.

Indoda nomfazi benzelwa ukuba babe kunye. Ukutshata nje kwabantu, bagqibile ukumanyana. Eli licebo lika Thixo nommngaliso omhle. Ifana nomzobo omhle owenziwe ngemibalabala. Indoda enye nenkosikazi enye- hayi amadoda amabini … okanye amakhosikazi amabini…. Okanye indoda enye namakhosikazi amahlanu. Indoda inye nenkosikazi inye kuphela.Yinto embi ukubona namhlanje abantu bephazamisana nomsebenzi omhle kangaka kaThixo… Nobomi ngoku busuke bantsonkotha abakwazi ukuhlala kunye ngoxolo, ngasizathu sini ke nyani- le mitshato inje ayilo cebo lika Thixo, kwaye ayikwazi ukuba nanzolo ngokupheleleyo

Mandithi kuwe…. Ukuba unoonyana, bakuthaze ukuba babe nxamnye namakhosikazi abo ngokupheleleyo .Nje ngomama hlawumbi kunganzima ukukwenza oko. Umkhulise unyana wakho ngokuncama izinto nangothando olungaka…. Xa kufika ixesha lokuba akushiye, mkhulule ukuze abe nokuqhagamshelana nomkakhe. Le yenye yemeko ezinzima kumama nokuba ngubani okanye ngowoluphi uhlanga okanye inkcubeko. Kunzima kumama ukumkhulula unyana nje kanjalo!

Ndiyaqikelela ukuba udineke apho ukhoyo zezi ngcebiso ndikunika zona, ndiyaphosisa? Hayi ke, ayizozam, ndikunika zona kuba licebo likaThixo - libhalwe eBhayibhileni iLizwi likaThixo. Xa silandela icebo likaThixo, uyakubabala imitshato yabantwana bakho nawe futhi!

(UMCULO)

Sithethe kakhulu namhlanje ngomtshato, necebo likaThixo ngobomi bethu. Yazi, masingaze singawahoyi amacebo akhe…. wazi ngcono! Asinokwenza ukuthanda kwethu, okanye silinganise okwenziwa lihlabathi ngokungazi. Namhlanje ndibaliselwe ngombono kaThixo womtshato. uThixo ukunike ithuba lokuva ngecebo lakhe ngomtshato phakathi kwendoda enye nomfazi omnye. Uyazi ke ngoku ukuba yintoni elungileyo… Ndicela torho uncede uyikhumbule.. uyicingisise

Babalisele abantwana bakho, amalungu osapho, abamelwane nabahlobo. uThixo uyakuvuyiseka nguwe xa unokuzimisela uncokolela abanye ngenyaniso yakhe. Bayakusikeleleka nabo ngokunjalo. Ukuba unayo iBhayibhile, zifundele ibali eli- likwincwandi yeGenesis : 2

Khumbula umyeni wakho ukuba uyakudinga- mnonophele. Ukuba awuqinisekanga ngendlela yokunceda umyeni wakho, cela uThixo akubonise. Uyakukunika ubulumko uThixo, soze akushiye ulahle ithemba kuba uyakuthanda ufuna ube nomtshato omhle ozele ulonwabo. Ungaze unikezele mhlobo wam. Xa uThixo ebona ukuba umthobele, akayi kukushyiya wedwa. Uyakukufundisa uyakukululeka, uyakukukhuthaza akunike imbeko ngokuba ngumntwana wakhe onentobeko.

Okokugqibela…umtshato lunxulumano oluntsonkothileyo olunobunzima ngamanye amaxesha. Thina bantu siwutshabisile ngendlela ezininzi. Mhlobo wam othandekayo, namhlanje ngaske ulandele icebo likaBawo lomtshato. Indoda enye nomfazi omnye abahlala kunye. Bobabini benziwe nguThixo, badalelwe ukuphilelana. Bobabini baphila ngomfanekiso kaThixo. uThixo ungumzobi okwiqondo eliphezulu, thina, madoda namakhosikazi singumsebenzi wakhe wobuchule….. ze umtshato ube yingoma yothando ayibhalele thina.

Akwaba uThixo angakusikelela, awuphozise umtshato nje ngokuba, ubuyisela imibalabala " Umzobo" kaThixo omhle.

NOBUNTU: Enkosi nenekazi. Sifunde lukhulu namhlanje ngokuba uThixo uBawo wethu osezulwini nomdali- ukuba uthini na ngomtshato!

NOMTHANDAZO: UThixo unecebo lethu elihle ngokwenene…. Ufuna sibe ngabancedi babayeni bethu. Ufuna ukusikelela imitshato yethu nyhani.

NOBUNTU: Yinto entle ukuba abayeni namakhosikazi bangqiyame ngoThixo, bayiqonde futhi nendlela umtshato awulungise ukuba ube njani.

NOMTHAANDAZO: Ke mhlobo wam, kuthatha abantu abathathu ukwenza umtshato – umyeni, unkosikazi…. noThixo.

NOBUNTU: Liyinyani elo! Ndiziva ndiqinisekile emtshatweni wam, ngenxa yobukho bukaThixo kuwo.

NOMTHANDAZO: Ndingathanda ukuniphakela kulo mbongo: ubizwa ngokuba "**Umtshato ngowabathathu"(umbhali akaziwa)**

UMTSHATO NGOWABATHATHU

Ndakha ndacinga ukuba

Umtshato ngowabantu ababini

Kodwa ngoku ndiqinisekile

neNkosi ikhona kuwo

Akukho nomnye ongaphumeleliyo

Apho uKrestu aceliweyo ukuba angene

Nje ngokuba abathandanayo behlangana

uYesu esembindini

Kodwa wona awufane uchume

Namakhaya awaphelanga,

De amkeleke apho

Ukuncedisa ukuphepha uloyiso

Emakhayeni apho kuqala uKrestu

Kucace gca

Ukuba ezo manyano ziyasebenza,

Kuba umtshato …. ''ngowabathathu''

NOBUNTU : Ndiyakukhuthaza mhlobo wam ukuba umeme uYesu Krestu ebomini bakho , uze ubonwabele ubukho bakhe emtshatweni wakho…nje ngokuba nombongo usitsho . Ukuba unqwenela ukwazi kabanzi ngoYesu sibhalele….

NOMTHANDAZO : Umtshato ngamnye uba neengxaki zawo . ukuba ujongene nemeko enzima …sibhalele…singathanda ukukuthandazela . Khumbula ukuba apha emAnenekazi eThemba izifuba zethu azikhatywanga.

NOBUNTU : Siza kumana sincokola ngomtshato kwinkqubo yethu i Amanenekazi eThemba. Ungaphoswa !!!! SALA KAKUHLE MPHULAPHULI

BOBABINI : ZIYOLISE NGOYEHOVA ! (UMCULO WOKUPHUMA)